

I-NHI ayizukuvumela ukubizwa kwamaxabiso amakhulu kunokuba ebfanele ukubizwa abizwayo ngoku, ngokukodwa zizibhedlele zabucala. Abanikezeli ngonakekelo lwempilo babucala abazukuvunyelwa ukuba babize imali eyongezelwego ebizwa ngokuba yimali oyihlawula ngokwakho emva kokuba ingxowa-mali yeNHI ibahlawule.

Kutheni kubalulekile ukuthatha inxaxheba?

Ukuthatha inxaxheba kwabantu yinkubo yolawulo lwentando yesinini eqinisekisa ukuba abenzi bomthetho bayazimamela izimvo zabantu xa besenza imithetho.

VAKALISA ULUVO LWAKHO!

Ngubani omakathathe inxaxheba kwaye akwenze njani oko?

Bonke abanomdla nemibutho echaphazelekayo, abantu kune neemanyano ezilungiselelweyo ziyaneywa ukuba zithathe inxaxheba ngokwenza oku:

- Benze iziphakamiso ezibhaliwego eziza kuthunyelwa kwiKomiti ejongene neMicimbi yeSebe lezeMpilo.** Iziphakamiso kufuneka zithunyelwe kuNobhala weKomiti ejongene neSebe lezeMpilo, uNks. Vuyokazi Majalamba ngomhla wama-**29 kweyeNkanga 2019.**

Idilesi: 3rd floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000

I-imayili: vmajalamba@parliament.gov.za

Ifeksi: 086 694 3279

- Ukuzimasa iindibano zovakaliso-zimvo zoluntu:** iindibano zovakaliso zimvo-zoluntu ziza kubanjewa kuwo onke amaphondo ukususela ngomhla wama-**25 kweyeDwarha 2019** kwizithili ezininzi kune noomasipala abambaxa kulo lonke eli lizwe.

Ngeenkukacha ezithe vetshe malunga nokungeniswa kwezipakamiso kune neendibano zovakaliso-zimvo malunga nalo Mthetho uYilwayo, ungaqhagamshelana noNobhala weKomiti ejongene neMicimbi yeSebe lezeMpilo, uNks Vuyokazi Majalamba ngolu hlolo:

Umnxeba: (021) 4033770

Iselula: 0837098522

I-imayili: vmajalamba@parliament.gov.za

This pamphlet is available in all the official languages of South Africa.

Produced by Core Business Support: Public Education Office • Activist and Responsive People's Parliament
• www.parliament.gov.za • P.O Box 15, Cape Town, 8000 • Telephone: (021) 403 3341

PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



Umthetho oYilwayo we-Inshorensi yezeMpilo yeSizwe (iNHI)



Umthetho oYilwayo we-Inshorensi yezeMpilo yeSizwe (iNHI)

IPalamente yoMzantsi Afrika imema ukuba kufakwe izimvo kuMthetho oYilwayo we-Inshorensi yezeMpilo yeSizwe (iNHI) (B 11-2019). Ikomiti yeNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe yezeMpilo, isebeanza ngokuhambelana necandelo lama-59 (1) loMgaqo-siseko, ifuna ukubandakanya uluntu kulawulo kune nezinye iinkqubo.

Kutheni kukho uMthetho oYilwayo we-NHI?

Injongo yoMthetho oYilwayo we-NHI kukunikezela ngokufikelela komntu kunakekelo lwempilo olusemgangathweni kubo bonke abemi boMzantsi Afrika njengoko kukhuselwa nguMgaqo-siseko. UMgaqo-siseko ulubona unakekelo lwempilo njengelungelo lomntu elibalulekileyo. Uchaza uthi "wonke umntu unelungelo lokufikelela kwiinkonzo zempilo... urhulumente kufuneka athathe amanyathelo anengqiqo olawulo kune namanye, kwimithombo yakhe ekhoyo, ukuphumeza ukuggibeleta kwenkqubela yala malungelo kwaye akukho mntu umnele ukuba avinjwe unyango olungxamisekileyo." UMthetho oYilwayo we-NHI ufuna ukuphumeza oku ngokuqinisekisa ukuba:

- Akukho mntu oza kuvinjwa la malungelo achazwe apha ngentla ngenxa yemeko yakhe yezoqqosho kwezentlalo;
- Ingxowa-mali yezempiro yoluntu yensiwe kune nemithombo efanelekileyo ukucwangciselu kune nokuhlangabezana ngokukuko iimfuno zempilo zabantu bonke, ingabi ngabambilwa abakhethiweyo; kwaye
- Injongo ebalulekileyo kukuphumeza uBonelelo ngeMpilo kuMntu wonke (iUHC).

Yintoni uMthetho oYilwayo we-NHI kwaye baza kuxhamla kanjani abemi boMzantsi Afrika kuyo?

- Ingxowa-mali ye-NHI iza kunceda abemi boMzantsi Afrika, abazizityebi namahlwempu nabemi abahlala ixesha elide ngokusemthethweni.
- Kuza kubakho ingxowa-mali enye yonakekelo lwempilo ngokufanayo kubanikezeli ngonakekelo lwempilo babucala nabakarhulumente.
- Indleko yenqubo yethu yonakekelo lwempilo, ekungokunje eyiyeyona ibiza kakhulu imali ehlabathini, iza kucuthwa.
- Xa abantu betyelela amaziko onakekelo lwempilo, abazukubizwa mali kuba ingxowa-mali yeNHI iza kuhlawula iindleko zonakekelo lonyango lwabantu ngendlela ezenza ngayo izikimu zoncedo lonyango kwabo bangamalungu azo.

- I-NHI iza kucutha umsantsa phakathi kwabazizityebi nabangamahlwempu ngokwemigangatho yonakekelo lwempilo.
- Abemi boMzantsi Afrika abazukuhlawula ngokuthe ngqo kwizikimu zonyango lwempilo ukuze bafumane unakekelo olusemgangathweni lwempilo. INgxowa-mali ye-NHI iza kubonelelwu ngemali evela:
 - ✓ Kwiirhafu nje ngokubanzi,
 - ✓ Imali ehlawulwa ngabantu abanemivuzo engaphezulu kwexabiso elibekiwyo, kune Nemali ezihlawulwa ngenyanga ngabasebenzi kule ngxowa-mali.
 - Abaqeshi baza kuyinceda iNgxowa-mali yeNHI ngokuqinisekisa ukuba imali ehlawulwa ngabasebenzi babo kwingxowa-mali yeNHI iyaqokelelwu kwaye iyangeniswa, ngendlela efanayo neye-UIF.

Kuza kwenzeka ntoni kumalungu ezikimu zoncedo lonyango kune nabanikezeli ngonakekelo lwempilo babucala?

I-NHI ayizukuthatha indawo yeZikimu zoNcedo loNyango, amalungu aza kukhuleka eqhuba nazo ukuba athanda ukwenza njalo. Xa iNHI ifezekisiwe ngokugqibeleyo indima yezikimu zonyango iza kutshintsha njengoko ziza kunikezela imali yeenkonzo engazukubuyekezwu yingxowa-mali yeNHI.

